Isalathiso: 20160510-181
5/8/4/1/2
Imibuzo: A Henriques

ISetyhula: 0020/2016
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

Isishwankathelo esifutshane: *Ifasilithi yokwenza ii-odolo ngekhompyutha kwiCEMIS ukwenzela izikolo ukuba zikwazi uku-odola iincwadi zezifundo zeCAPS zamaBakala 1-12.*

Isihloko: Ifasilithi yokwenza ii-odolo ngekhompyutha zeencwadi zezifundo ze*CAPS* zamaBakala 1-12

1. Izikolo eNtshona Koloni zilindeleke ukuba zinike umfundi obhalisiweyo ngamnye incwadi yesifundo kwisifundo ngasinye.

2. Ukwenzela ukuqinisekisa ukuba bonke abafundi kwisikolo ngasinye banazo iincwadi zezifundo kwisifundo ngasinye ngo-2017, ziyacelwa iinqununu ukuba:

   2.1 ziqinisekise amanani obhaliso abafundi aqikelelweyo ngokwebakala ngalinye ka-2017;
   2.2 ziqikelele inani labafundi abaya kuba bengaphezulu ekuqaleni kuka-2017 ngokumalunga nendlela abaqhele ukubhalisa ngayo kwiminyaka esandula ukudlula ; kunye
   2.3 nokuqaphela ukuba zibuyiswa ngomlinganiselo ongakanani iincwadi zezifundo ngabafundi (*textbook retention rate*) ekupheleni konyaka kuyo le minyaka isandula ukudlula.

3. Le ngcaciso ikumhlathi 2 mayisetyenziselwe ukunika ulwazi malunga noku-odolwa kweencwadi zezifundo zokongezelela (*textbook top-up orders*) zika-2017.

4. Kuya kunikwa izikolo ithuba libe linye kuphela ngo-2016, phakathi kwe-30 Meyi ne-10 Juni, loku-odola iincwadi zezifundo zazo zokongezelela zisebenzisa ifasilithi

yasekhompyutheni ekubonelelwe ngayo liSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*). Oku kuthetha ukuba izikolo mazibekele bucala ixesha lokulungiselela iimfuno zazo zokongezelela iincwadi zezifundo zika-2017 ngobunono, zinika ingqwalaselo kuyo imigqaliselo echazwe kumhlathi 2.

5. Iimali zemimiselo nemigangatho yolwabiwo-mali lwezinto zokuncedisa ukufunda nokufundisa (*the norms and standards LTSM funds*) (ii-*LTSM*) zezikolo ziya kusetyenziselwa ukuhlawulela iincwadi zezifundo zokongezelela nezamanani okwanda kwabafundi (*top-up and learner growth textbooks*) ngoJanuwari 2017.

6. Ukuba izikolo azinalo ulwabiwo-mali olwaneleyo olufumanekayo lwemimiselo nemigangatho ukuhlawula iincwadi zezifundo zokongezelela nezokwanda kwamanani abafundi ngee-odolo ezenziwa ngekhompyutha, makufakwe isicelo kwi*WCED* sokufuna uncedo lwezemali. Isicelo eso masizaliswe kwithemplethi eqhotyoshelweyo, yaye masichaze nesizathu sokucela uncedo lwezemali. Le themplethi mayisayinwe yinqununu yesikolo iskenwe ize ithunyelwe nge-imeyili ku-: aletta.knipe@westerncape.gov.za ungadlulanga owe-24 Juni 2016.

7. Kukhuthazwa izikolo ukuba ziwenze ziwagqibe amalungiselelo azo ngaphambi kokuba lifike ixesha lokufaka ii-odolo ngekhompyutha yaye ziqalise ngokufaka kwikhompyutha iimfuno zazo zeencwadi zezifundo zokongezelela ezifunekayo ukuqalela ngosuku ekuvulwa ngalo isistim yekhompyutha (*online system*) nge-30 Meyi 2016.

8. Xa kungenwa kwi-*CEMIS*, khetha u-"*Administration*" kwi-*menu bar* uze ukhethe u-"*CAPS textbook top-up*" kwi-*drop down list*. Imenyu i-*sub-menu* iya kuvela ize yona ikuse kwi-*capture screen*, naku-"*How to guide*". Kukhuthazwa izikolo zikufunde okubhalwe ku-"*How to guide*" phambi kokuba zifake ekhompyutheni ii-*top-up textbook orders.*

9. Kucelwa ukuba ufunde i-*welcome note* ne-*guide* kwi-*CEMIS* ukuqiniseka ukuba ngubani emakuqhagamshelwane naye ukuba kukho iingxaki ezithi zibekho ekufakeni ii-odolo zeencwadi zezifundo zokongezelela ii-*top-up textbook orders.*

10. Yakuba ingqinisisiwe i-odolo kwikhompyutha yaza yasayinwa yinqununu, isikolo masiprinte ikopi eliphepha ye-odolo engqinisisiweyo (*verified order*), siyitshekishe ukuba ichanekile na yaye siyigcine kwiirekhodi zesikolo.

11. Kucelwa wazise okukule kule setyhula bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-P A VINJEVOLD
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2016-05-11